

Osegozini e Port Nolloth.

Unina Nomntwana wake.

U Mrs. M. J. Cooper, umfazi (*Shipping Clerk* ye Cape Copper Company, yase Port Nolloth, wengenye ukucaca info ebsand ukuphela, ubhala ari:— kwi-Xesha elidulayo ndatenga ibhotile ye Pink Pills zika Dr. Williams, pufunela intombazana yam ebudala buyiminyaka emintandatho ebite kwiminyaka edluleleyo yakatuzwa— bubutaka— banjelo nakukutya. Emva kokuba igqibe ibhotile yokupala kwabako umahluko otile, noko yati roqo ukusebenzisa. Ndiyavuya ngoku ukuti iphile ngeqo namhelo atungile, ndiyazibulela i pills zako ngokuphila kwazo, ngendlela enje, ukumangalisa. Mandhankanye nokuti nam ndike ndazitata i Pills eku Ekubeni bendikatazwa ngumbefu kwixesha elidlo layo ndoyiseka ukuba make ndingene i Pink Pills zika Dr. Williams, emdimo- kumbhelo ngenyaniso ukuti zandinjka ukuphila, kungcono ekupetumeleni okufutshane kupela, koko nase kuncize lekeni ebepdikuko. Ukuba ndite nda- buyelela sjsifo ndiya kutata kwa iyenza lenu elingumahliso. Lenteto yam ungenza nanyipha into ovyantayo ngayo, imihle ngethitha kufika ubu- ngqina obutsha bixela ngokuphila kwabanjelo kulo lonke ezi lase Safahika zii Pink Pills zika Dr. Williams, ezi Pills azazela kupiso umbefu, umqala, ingangqambo yamatambo, isingwe, ipepa okanye ikungcungcuka, namangqela yomfulawenja, ingqeke ne ivi, koko zinezela nakwezi zilo : Ukungasebenzi kwesisi, intloko eziphuhlungu, isifo sesi- bindi, isifo sezizo, ukufa kwizala, ukuphi tizela kwengondlo, nesifo sobuso. Zite- kngiswa ngabarwebi bonke, okanye kinkokunetyelwa 17s kwi Dr. Williams Medicine Company eyi ke yona itunyelele 1/2 dozen ye bhotile kulomntu sukuba ezifuna. Ukulingalecelani, ukuncu- mka, nazo zonke izifo zamankazana zibhile zinezivele ngokusebenzisa zona, namadoda aqoqozwe kukusebenza nzima okanye kukuzinikela okudlulelo ziwavuka umoya omntsha, amandla, kwabobudala.

Lumkelani abalingantsi, Ezika Dr. Williams i Pink Pills Zemitelwe zize ngiswa *kupela* ngebhotele ze glasi, zigqo- iyutelwe ngepani ehubonwv (pink), liba ingama lishicilelwe lonke ngokuzilelo ngamagama abomvu. Ezizimbi azizizo.

Ungade ufuna-fune kulo lonke ilizwe, akusokufunama limbi iyeye elilingana nelika Chamberlain ke cholera ne si- Segazi ukunceda kwizifo zamatambo. Limandi lilungile, lye inkontengwa. Litengiswa ngu R. Lumsden & Co., Umntengisi Mayeza, e Qonce.

IKadi ze Sixosa ne Sisutu 1989

—ZE—
Bandla Lezizwe Ezifunda izibalo
I-Almanak yezi fundo ze Babhile.

Uhlobo lwezifundo—Zizonge kwi Ngo- ngama elite esiyakuti isiganda ngu- ninye semihla ngemihla kulo veki sikwizelele yona. *Uhuhle bale Nqubo* — Izifundo zinokutyenziswa kwizi- lasesho zase kanya, kwange ngasezila- sini zabafundi Zibalo.

Zitengwa: 1 1/2d. inye; 1/6 nge dazini

Abazifunayo botumela kunyenomvuma ku

JOHN KNOX BOKWE.

U-Nobala we Bandla, Kwii Ofisi ze

MVOZONTSUNDU,

King Williams Town.

101, Main Street, E Bhai

BAGCINA IMFUMBA

IZIHLANGU NE SHUZI

EZI LUNGLE

UKUHAMBA, UKUKWELA, INO-

KUHLALA EKAYA,

UKUHAMBA ISIKOLO, NOKU-

SEBENZA EMASIMINI.

Ezo Bisseker, George & Co. Izihlangu zihle

nase mehlini; ziyahlalala kamnandi

umntu, zinjalonje zi-nyia-xohlisa.

Bonke abalesi be Mvo NELISO LOMZI ba-

yanoyisihwa ukuba bezekulomzi, ba-

yanoyisihwa ukuba bezekulomzi,

batenge into abazitengayo kona.

INDLU YESI

HLANGU - ZENTSHINGA- YENDLOVU,

PORT ELIZABETH

AKA NOGQALA

AMAYEZA

Adumileyo Ezityalo

ALUNGISELELWE nge nyameko nange

ngqondo kumzi wake wama yeye e Bofolo

aye ikakulu enziwe ngemiti yamayeza.

Enzelwe oluqini- sekileyo kwizifo

enzelwe zona.

e. d. Iyeye Elinqisilekileyo—Incindi yekuphila

ukulungwa yi nyoka, njalo njalo

Umphisi—We sisu segazi, njalo njalo

EIase Afrika—Lokuphila izinyo kwaoko ... Incindi

Yezityalo—Yokuphila intloko ... Umkhambi Ontsha we

Iiso—Wokuphila amehlo abahlungu

Umcazwa we Zityalo we Alkali—Wece- sine

2, 2, 2, 6, and

Ekukhoba Elinsha—Le Nqangqambo Zamantambo

Umandabisi—Wokutha ne Zihlonda njalo njalo ...

Umciza omandi we Bhubar—Wokuce- da intansa

2

Elimiswa—Lokurumeka

EIase Indya lokumka mandla—Xa uno- kutayfa njalo

Umphisi—Ongumangaliso Amafuta ... nxebe

nezihlonda njalo njalo ...

Ungudiso—Wobuso oburabaxa njalo njalo 2/6

and Umbugo-Wesisu segazi esesine Xesha njalo njalo ...

Umphisi we Cancer

12

Germicide—Zokuphila i Gushuwa, njalo

Onke anokufunyanwa enamapepa ngesi

Ngesi, ngesi Bhulu, nangesi Xosa.

Lamanani axelixelwo ngawe botile

ngapandle ngakosi.

JESSE SHAW

MEDICAL BOTANICS

FORT BEAUFORT

IZINTO NGEZINTO

IMANTYI EZIHLALISILFYO.—Imantyi engu

Captain Belfied yase Gloucestershire, kwe-

ntshona Ngesi izihlalisile s; eyatleni lokutha- mba

ngekari engena sibane ngokuhlwa, (qubile)

NGU DYAKOPI YENA. — Ngomhla we 1

January, 1898, ibiyidinala e Cala yenziwe ngu

Mrs. Makohliso eyenzele u Mr. Ndazizi- lwana

ngempumelelo yesikolo sake engu- mangaliso.

Iminyaka mbini siqalwe, kodwa siyabini ngesise-

7 ku Standard IV. Ngu Jabone.

ISIDIMBU ESALAHLEKA KUDALA.—NGOSUKU wam

26 ku November kufike i Dover itye- ya

mesidamba senenkazi elala ngo 1865

kwintaba ekutiva zii Alps. Esidimbu

sesineminyaka engama 32 salahlekayo.

Sifaniswa no Miss Arbuthnot wase Berkshire.

Sigqitiselwe e London.

IZITORA SABANTU.—Umzi wezixaso nengu-

bo ka Mr. George Hatch ufudukile kwi gumbe le

Cambridge ne Grey Street e Qonce, ukwindlo

apa endala eyazekayo, ebitudala isisitoro s

Messrs, Bourke and Marsh, kwase Cambridge

Road apo. Uwenze mhle kanye. Wofunyanwa

enento emntzi eya kuwanelisa umzi.

U MR. GREEN SIKUNDLA.—Ziyakuxuma

ngovuyo intliziyo zabahlabo abaninzi baka Mr.

Green Sikundla, wase Rabula, ukuya ukuba

selebonye wase mzini wake, oko ebeke

ngokwama abantwana base Westile

Johnesburg. Indavanya esalisakwa, silima

kukuba utotywe kukungapili nge- nyawo

ezidambayo, kodwa siyatamba ukuba wobehle

ibengcono kweli ihlungwe elwandile.

REV. J. J. JABUWA.—Nge wama kushuma-

yele e Tower, Cala, u Rev. J. J. Jabuwa, u Isahai

4, 4. 1. Ndadupala ubu Wesile kwintshumayelo

yalomfundisi. 2 Inyameko kwiranteme

zabantwana. 3 Umoya omhle wokutanda

ititshala nonsebenzi wayo. 3. Ngemntzi enye

wawatamba amama Wesile enene.

Ingelwa ngokwama Wesile eziminyaka i

44 zazizalwa ebu Wesileni

zazini- kela kuba zibona umkondo

ezawugqibela kudala. U Mr. Jabuwa

angabambisa abantwana base Westile

kuomandla, abahamba bengena malini, kanti

abafuni kubaluhla.

ISIKOLO SASE TYIRA. — Ngomhla we 7

December, 1897, wafika Umhlobo-zikolo kwi

sikolo sase Tyira ka Qombo, esitwene ngu Mr.

J. Mazibhu, encediswa ngu Mrs. J. Mazibhu.

Emcwanindzi 79; ababeko 71. Emabakaleni

bema ngoluhlobo:—Standard IV, 5,

kwapumelela 3; Standard III, 9, kwapumelela

7; Standard II, G, bapumelela bonke; Standard

7, 10, bapumelela bonke; Sub Standard B, 20,

bapumelela bonke. Alphabet, 21, wakoliswa ke

u Dr. Theo. W. Rein. Savuya nati ukumbona

engcono empilweni yake. Le yilinqubo kutiva

yenite.

ISIKOLO ESIKULU E NQOSHUWA —Sicela

amehlo abalesi, sivacelela kwisaziso esiba- nzi

nge Sikolo Bentombi, esiyi Ayliff Institution e

Nqushuwa. Usuku lokuvulwa lolwe 2 February,

1898 Intsapo enokuya kona yeyokuqeshehlwa

ye zingqubo ne ngapuzulu ye Nqushuwa lwe

School Elementary, nentlobo zonke zokutanga.

Kuyalubako indawo yokwamkela intombi

ezimbalwa. Inxaso yesikolo mayirolwe

kwangapambili. Usapo olahamba ngetrini

lwenzelewe ihlungo elilile lokuputwanya nge-

ngwele e Qonce nise Rini. Siqinwelela u Mr.

Lennard, omsebenzi use abonise ama- bumbulu,

inqubo entle ngalonyaka.

NGO MR. MASEA.—U Mr. Jaobob Masea ube

ngemntzi wase Bhai ixesha elide, ekwalungile

ngokwama Wesile. Uguke inyanzali

ezixenixe, waza wasinga kwelipezulu (e

Bekesdolopu) ngokufuna impilo. Efikile apo

umkhulane nmkulele waza walishiya kona apo

ekhlapake ngomhla we 2 ku December, 1897

Ungemntzi emva kosapo kulandele imyazali

Pampi kokuba umpelumlo upume wavuma

iculo eliti.

Waruzwa ngexya yam i Liva lapaqade.

Ngokubhubha kwake i Benefit Society yaba

ntsundu base Bhai ilahlekwe ligosa abeliku tele,

entsika ebiyomelele. Ushiywe inkosi- kazi

(ezalwa ngu Mr. Zweni Langa wase Toleni)

nabantwana abatat—inkwenkwana

nama ntombazana amabini. Ikaya lake

belise Gazaland Ngunfo

obonomezekelo omhle kakulu kuluntu lonke

Ubenyomwe wabantundu abalinge ukunceda

umntzi ngo- kuzama nokuphumelelisa isihshini

livelike. Amakhe efike e Burghorsdorp ngokuba

okoko, na umkhulane nmkulele, waza wenyusa

inkosikazi yake, nominawo wake—u Mr. Charles

Masea, no Mr Booi, no M. S. Kafje Williams. Ute

akubhubha beza nesadimbu seke e Bhai, apo

ngomgqabi ngutwene ngu Rev. w. Jijani Abantu

babe baninzi ngokuthe nekomakeyo. Inkosikazi

yomfi inga ingabu- lela ubhele ncedo logqira,

umfundisi, nabantu base Bekesdolopu kakulu.

I KRESMISI E ZOLO.—Kugxwebhu olude

ngomgqobo esiluntelwayayo olunge lubatshala

imipilo emhlabeni sibatata ezindawo.—Nge- nhlalo

omkulu we Kresmisi ebe yimikosi abantwana,

IZINTO EZIFUNDWA KADE.

Kuko indoda ngapa e Scotland eyayimna

ukubhala izinto ezifundakayo nezifundisayo.

Wayemna ukuzibhala ngokuba ungu

“Mfundisi wesixeko.” Okwene ungunomfundi

omphoye. Empe yencedwana azibahlileyo inge

Zinto ezifundwa kazo. Incinzi ezizangcimi-

ngisayo wonke umntu.

Kc, nantsi enye yezinto ezifundwa kade—

ukuba umkhulane awumtsibele umntu

ngengokwe ntabi isizimbi. Kodwa usuka

ezingcambini nase zimekweni ezitile njenge

ntyanyanbo ezi. Tina ke esizibhalayo

sizihshilele ezintloko eyinywe yazo le. Kukade

siyindipindi nda lento, kodwa ke abakayimndi

bonke abantu lento.

Ukuba u Mr. Theodore Treasure yedwa

wayengenke le kodwa ngenabantu panisi

kwentlungele zefiva esematanjani. Uti ngo

November, 1891, waye pantsi kwe ntlungu

zayo. Uxiselela kwincwadi awaye sibhalele

iyona ukuti wayesezintlungweni ezinkulu

zomzimba, wayebhulungu kangangokuba

angabi nakunyamezela nanye into

emcukumisayo, waye tunukwa nazingubo ezi

zokulala ngokosi esilaweni elibhalayo Uti

“Ndihe ndingasalali, ubungafika ndingqoka

roqo ubusuku obu.”

Ndihe mesisikwa esibi emlonjeni wam,

ufike ndimama ukukupha into emntzi yoxakaxo,

ndibe ndingatandi kutya, nentwana endibe

ndizinyanzela ukuyitabata ibusike irweve

wayenza, wangati seliya kuba namntzi maceleli

Ndaboneleleka inyanga ezintlanu ndingenako

ukudwisha umandlalo wam, nentlungu endaye

ndingawo ngeloxesha andinamawzi okuzicaza.”

Wogke ubantu emntzi wazimeko

umokukolwa lula yinto etetwa ngu Mr. Treasure,

kuba xa amalungu omzimba womntu

qaqanjiswa kukodumkela akungangokocelo

ngamntzi aqeqesayo angayazizayo umntu into

ayivayo zintlungu nengangqambo ebukulwini

bazo, kodwa ke sibe sifanelwe ukuba sibe

ndingawo ngeloxesha nas mandlalweni wam.

Kwadilika inyanga ngenyanga ndidele ndigula

ndinjalo, ndaye ndihla- njelwa naligqira, kodwa

kungqondo ncedo lwanjo kutu.

Itole le "Mvo"

NGOLWESI-NE, JANUARY 13,1898.

EZENDAWO NGENDAWO.

E QONCE-

January 8,1898.

ITUMENTE.—Mr. Mhledi: Ndingaba ndisilele kwinkonzo yam emzini ukuba andenzanga manqaku ngalendibano ibiko. He, lidudume ladlula nge “Ndebe yakwa Jili” ebekusukuzwana ngayo yimpi yomngcunuba. Ebelapa bo amabuto : elingeva yeza lase Monti, lipetwe ngu Captain Kunene; elase Komani lipetwe ngu Captain Msengana; elaba “ lahlekwa ” (lase Qonce) lipetwe ngu Captain Xiniwe : nelase Bai lipetwe ngu Captain Ross, eko namhla no “Oom Pita” (Mr. P. Y. Rwexu) eliqu-quzelela, elikutaza, elikalipisa, elome- za—loyisa ke. Akwaba o Rwexu be- beko kuzo zonke indawo!

AMANGQINA. — Ekokubeni amaxesha enje ukuba mabi ngetuba lo L ababini, i Langa no Landipasi, kungatwa ubeko umzi ukuza kungqina ukuba “ Eyoku- qala i Tengo-Jabavu Cup Tournament ka 1897-8 ibeko *truly, legally and lawfully.*” Kube betele ngemihla yeholide, kwalambateka esangweni kwakuvulwa. Kaloku kweli lase Maxoseni umzi omninzi ngosemadolw’ anzima malunga nemidlalo, ngakumbi kwehamba nemali; bangake o “kazini” abebeze kudlala bangazixolela imcko ekube kuzo ngase sangweni, umhlaumbi ngezayo —ukuba yoze ibuye ibeko—koba betele kuba siyazama ukuqubela nati. Thentyo.

BEBEZIVUTULULE.—Ngalamhla umnandi kunene wokunikelwa kwe Ndebe, owayependulela amaleidi wati nge Tumente ka ‘86 amanenekazi ayevate ada angangazela kubomba. Nana- mhla ke lenkonzo ibe yenyonywa kunene : ibe buburasarowe bofani ngofani kumaleidi e Pavilion—si! Laye nekaba ligibisele mu, endibe ngakangela anda- mbona u “ Made in Germany.” Naba- nina obepose amehlo emzini ute nqwa- tywa etala umhle ngoluhlobo, angati u Dwebile ufanelwe kukufa ukufa ngokuphelela ukupama nemikutaka kubantu abahle kangaka angadlanga nonwele olunye olu kubo. Apo kumna- ndi kona ke akuvakali bani

Uyek’ ezak’ ibhatyi Wanxiba ezabanye. Gutinyuzi!

KWESETIKI.—Amacico okuteta ake ati “uzizolele kwesetiki” ubani mhla azizbekileyo. Kudla ngokuti umzi wa kudibana ngoluhlobo kubeko umnxilo, izipitipiti namayeeyee; kodwa nonyaka kungatiwa, ngazwinye, akubanga njalo, nakuba belipambana ngokwenyosi ikaba ukungena kwindlu apa ene “ Hop-biya ” abati yi “Extra strong.” Noko ke kute ngenywe imini xa kuzo kuyiwa e “lantshini kwawiphezisana omnyo webuto lase Lenye nowelase Mkona. Owase L uqubule imbdlela eza kubodloza ngayo omnye lowo, kwanceda ukuba ihlutwe esapuhluzela engekafikeleli—kwakupel’ oko. Thentyo!

IXESHA ALIYO MALI NA ?—Emlungwini kuko isiteto esiti, “ Time is money.” I Netevu zona ngati ziyavipikisa lonto ngokungakataleli kwazo i-ncsha ezi-ntweni. Kute nakuba bekuko intirabi ebimana ibetwa (ngokwase Bai) ukusi-ndisa imizuzu yomdlalo, obululu baman’ ukupika bade babene ukuba “ asikabi-loxeshal” Kwangakumbi kwimpi egcina kunene ixesha (ngabula Mr. Rubusana) yase Bisho; zide nendwe- ndwe zarora ngokuka Judasi ngehlutaba. Abadlali betu ngebeqonda ukuba ukus- gcina ixesha lolunye upawu lwenqubela eyiyo. Ixesha yimali.

UMSEBENZI KA J.P.—I “ weather ” yenye yezinto ezixalelwa kunene kwinto ezenzelwa pandle. Ngemihla ebekudla- la i Qonce kubaluleke inzwinini zama- langa atsho amadoda anganzinga nzima efieldini, anxanwa ngokwe nkamela zase Latakisa. Kwaza ngemihla yase Komani izulu larola izitokotoko zamafu, nomoya otsho kwahlwa emini ngo “faiifu,” amadoda akala ngokuti kum- nyama, ibola azibonakali. Pantsi kwe- zi meko noko umdlalo awonakalanga kwada kwase kupeleni; ngoko ke umsebenzi ka *Jupiter Pluvius* awungekale- zelwe. Thentyo.

INKANI.—I Tumente ngeyipele kaku- hle ngo Mgqibelo, umzi uko kammandi, kodwa ngenxa yokuphiniza kwe Mo- ni elibambelele e programini ngoko- metto wama Medi nama Perasi ukuca- sa icebo lokuwfutshanisa umdlalo nangenxa yamanye amatuba, ipele ngo Mvulo, ngokuhla kwento embi ukuti i “majority” kunyanzeleke ukuba inca- mele i “ minority.” Anga ama Medi ase Zilandana angakumbula, next time, ukuba ngumntu owenza umteto, asim- teto owenza umntu, anokuwulungisa ke ngezizatu ezihle ngenjezi kube kungazo. Inobeko nokuvana kuyafuneka mane- ne nase midlalweni.

AMABHUMBHULU.—Njenge England, i Africa ilindele ukuba yonke indoda yenze “ idyuti ” yayo. Seyixeliwe imi- sebenzi yamadodana kulomdlalo, yo “ Popo, isigebenga sebhla zaba Temb- u, not out! no Oogo, Rume (D), Bopi, Mshutshisa, Fobe, Baart, no “ Ranji ” wase Komani, into ka Mlungwana, na- banye; abatsho ababoneli bayivuma futi i chorus ka “ boundary !” Kanti kuwo wonke lomsebenzi mhle kangaka akuko nelokubika ibaso (prize)!!! How’s that mzi? Ngati sitsho kusiifanele okunye nge Sabata ukuti: “ Asizenzanga ezonto besifanele ukuzenza,—hinje ?

UMNYHADALA.—He, ukupela komdlalo kumi ngoluhlobo: I Bai lihoyisa onke amabuto, i Qonce loyise i Koma.ii ne Monti, laza i Komani loyisa i Monti elimke nentoshe ngeronono elikulu— kanti lento kutiwa ngu mnyadala kute- twa i Monti!

Intoni ke ukumka kwe “Good old Port” umzi ube ngumgwa- odo e Stishini, walindulula ngo “ Hule ” omkulu, lemka livuyisa *lituncela* ngexoba lalo,—i Ndebe yesibini ngeye Nlenetya. Umbuzo ke ngoku ngwokokuba ezi Ndebe zingongqite na e Bai? Wopendulwa *ngezenza* ngabadlali not ngemilomo empakumpaku,

IBHUNGA LE NDEBE.—Elibunga lidibe- ne kwa “P.X.” nge 30th ne 31st ultimo, ingo Messrs. W. D. Soga (President and Treasurer), esihlalweni; no R. R. Mantsayi (Secretary). Abatanywa bendawo ngendawo ingo Messrs. P. Y. Rwexu no B. Sinuka (Port Elizabeth), J. M. Pelem no D. Gudula (Queenstown), E. Kunene no T. Nweba (East London), P. Xiniwe no R. B. Mliilwana (King Williams Town), Umsebenzi weli Bu- ngane ubungowokuqulunqa “ Imiteto Yokudlalalelwa kwe Tengo-Jabavu Cup ” — iya kushicilelwa ngesi Xhosa. (Inga ingamkeleka kuzo zonke indawo ezika- nkanyiveyo). Kuquitywe ngemvisiswano entle lada lacitakala ibunga. Kekaloku i cricketers zinqwenelelwa u Nyaka Omtsha wempilo, amandla nenqubela emdlalweni kude kubuye kuquityiswane nge Tumente ezayo. Au revoir.

ULUTSHA E TAWUNL.—Le dolopu ku- ngatiwa yeyona inolutsha lwendidi zonke kuba imelwe zizikolo nelali, ongfika ityalike zizele twahla lulo. Into embi mkulu nomkosi wenlwana nentwazana ezisafanelwe kukuba sezandleni zabazali, esezizana inkululeko apa ngobugantshintshi namagunya okuba zingabasebenzayo, zinganqotolwa bani ngapandle kwasetyalikeni. Ene, sekungezi necba zingapele ndawo zika Dali ukuba ulutsha lube aludlub’uke ngapezu koko lunjalo. Nokuba yi kofu, yirafu, zingubo, nokuba yindlalana kukutshwa no “ nombanjana ” nje emakaya, abazali ngeyeyikangela lento imbimbi —mbi! No thentyo.

UCHWAITO.—Lento uvuyio iti yakufi- ka kwabanye balile, bambi babude, abanye babete, bambi bayise intlungu; kodwa iseyodwa into oetiwa yenye inqeberu xa ibipantsi kwalompembelelo immandi kunene. Umkomo wesetifile ni nje zizihlobo zake, uvaake esiti: “ Kwaku ! ukuba mmandi ukubona abahlobo bam bote gaxa kunye ukufika, kuti mandizixome ngenxa yovuyio!” Bayihleke bada batsarwa yinjibiyi abebeyisela, balandula ukuba baka bayiva into enjalo ngapambili. Injalo i “bljitschap” le abanye bade baye kuyifuna ezinkantini nje.

KWA DIKE.—Ukwenzile ukwenza u Landipasi. Watsho anqumama kwi ofisi yama Xosa (ka Mr. Dick) amatya- la enkomo zamafa nezamakazi, ezenqo- ma nezobulunga, ezokutwala nokutele- ka, nezaboni ngaboni. U “Landi” utshayele ngobuzalarume nakwintlantani zo Gotala (amaxeko), imkomo ebezizgeri kade- kwati mu; ekubonakala ukuba mayiti indoda intloko seyilele inkolovane zizimvi ibe kokona kusafuneka ukuba isesecele ema Bulwi- ni iye kuota emva kolwamityi ngetuba lokupanda amatodlana okulima. Ku- nzima.

ULOLIWE WE QONCE-BHOFOLO.—Zinqa- pazeke izinto kulo lolive wayekwa esitubeni. Ikaba belelisenza amabongo okuba woti akuvulwa limane ukuya kutshaya koma Dike ne Nxukwebe nge Migqibelo; elinye ityendyana lada lati loze liyokugibisela i Lecture nge “ Phrenology ” e Lovedale. Abasebe- nzi balo lolive bade bati ukuze bayifumane imali yabo bangaya igqweta, into ka Hitsi (J. J. Yates, Esq.), laba- pandela ngekofoti yomteto. Kwakubi ukuti amanye amadoda elindele iponti ngantlanu nantandatu, asuke afumane isheleni empoqa, amanye “ inikisi ” ngokuti kanti ayifinice ngokwabomi imivuzo yawo ngokunkinga igqita esi- tojeni.

OWASE “MABHELENI.”—Umcimbi odl’ umzi kwabamhlope ngowololiwe wase Transkei abasukuzana ngowe abase Qonce nabase Monti. Abalapa bata- ndazela ukuba makapambuke e “ Amabe e Loop,” ngentla kwe Kei Road; elixa abase Monti bangulela ukuba makaxwese emagqaleni o- nxweme lolwandle. Ukuba kame ngo- mmqweno we Monti, iyakuba ikutshwa intloko ebuhlungu izayo elibuhlungu, idolopu endala (King) yase Maxoseni engqingwe yinyambalala yontsundu; ekungumngaliso ke ukuba kubeko ama Xosa eli apakamisa kwicala le Monti!!! Sibuhlungu ngoko ke apa ngololiwe wase Mabeleni. Adieu !—MAKWEKWETE.

E KAPA-

IMTSHATO.—Siseko apa, sisaquba kani- nandi ngazo zonke indicia, nemitshato ingxamele ukuti ibeko. Ide yamitatu ilandelelana e Wesile, edibanisa u Maneli qo. Benxiba ke kona abantwana baba- ntu!

UKUFIKA KONTSUNDU. — Bayafika ke kona abantu abavela ema Xbseni. Bafika lemihla. Into ezi ibe buhlungu apa kukuba akuko Location ; ke bati badinge kakulu, bangabi nandawo zokulala, kuba nezindlu zibunqaba. Kaloku apa ziti izipatamandla akufuneki Location, bonke abantu mabahlale njengabelungu. Ndi- yavuma mna, nalonto noko ngati inzima nje iza kusifundisa,

KUNGANINA ukuba unyamezele intlungu xa i Pain Paint ka MOULTON inoku inyanga, kwisituba seminiti ezinga- kupilisa? Akuko ntlungu ingena kuy- mashumi ababini. Ipilisa ingqangqa, mbo yamatambo, intlungu enkulu, intloko ebuhlungu izayo elibuhlungu, ukurureka, ukwenzakala, ukutsha, ukukohlela kwane ngeqe. Eliyeza likulu lisetyenziswa ngapandle nange pakati liya kudambisa ukudambisa ezindlungweni. Litengiswa nge Is 6d., nge Bhotile kuzo zonke inveukie.—AD.

Abantu abasand’ ukuchacha kwifiva nezinye izifo bufana into yokubomeleza, kwaye kungoko momelezi ulingana ne *Wine ka Steam ye Cod Liver Oil*, imandi incenasa, inokuhlala nakvi sisi esibu- tataka. Amadla ayo pezu kwe Emulsiyo, Malt Solutions namanye amayeza anc *Cod Liver Oil* abonakaliswe kwezi zifo, ipepa, ukunqumka, umquma, uku- tyafa, malaria, ifiva, njalo-njalo. Iteng- swa ngabarwebi bonke, nge bhotile ezi- nkulu nezincinan

ABALALA EZINDLE. — Ungamangaliswa uke wabona abantu abalala ezintabeni, endle, ngokukodwa ama Lawu. Abanye bake bacolwe sebefile. Nditi mna yinkanqa elala entabeni.

AMA FRENCH NAMA NQOSINI.—Kuko into yase ma Ngosinini ezeke uni Frenshikazi. Nditi mna abatandani bacelana pantsi. Batsata e France nge “Special.” Kautfane ucinge um Ngosini nom Frensh’i. “ Msukundimfikila Vayisi!

INDWENDWE EZIBALULEKILEYO. — Sine ndwendwe ezibalulekileyo nati apa ngale Holide, nekaba liyafika kakulu elivela e “ Home ”—ema Xbseni nase Bhai. Ufi- ke umntu engasateti isi Xhosa selekum- sha mu. Sivuyisa nokubona o Messrs. I. Bub-Mbelle, J. Mgxoba, E. Mpinda, G. Mpondo, no Miss H. Mdolomba, no Miss Cila. Nati apa ngati kuzakuba-----, he !

N.Y.M.C.A.—Intlanganiso ye Native Young Men’s Christian Association ibi- pete indaba yolobolo gadalala, aye amadoda eyingqengqise pezu kwe Bhaibhile. Kubonakele ukuba mayiyekwe, laye lona icala eliti makulotvolwe lilikulu, lipetwe ngalamanene : Mbasa, Tyomfa, Nkomo, Bula, Mdlele, Tshayi, Macanda, Noko- yo, namanye ; yaye into ka Cecilshane yodwa, istii—napakade ; wabonakala u Nika eyincedisa. Ibe mmandi ingxoko zakuli, acikozo amadoda, yaye indlu ikule, noko nabase Iyini, kwaye kuxoxwa ngomoya opolileyo. Pambili Cape Town !

INGXOXO.—U Mr. Bula ungenise ingxoxo yokuba abantu abazinkosi mabanga- shumayeli, watsho wazicaza izizatu, ezisuke ziyicubula intlanganiso, waseletiywa igania lokuba “Reformed;” nokuba nezibonda nazo zingashumayeli.

I KONSETI.—Ke sane Concert emnandi kanye kunye ne Magic Lantern, ini- kwa ngu Mr. Will P. Thomson eno Wm. H. Thompson, be Jubilee Singers, wangqokola umfo ka Thompson kwakuko, baye bebaninzi abantu; ibi- kwase Wesile. U Mr. Bud-Mbelle wake waposama amazwi, yamnandi kakulu.

IBHOLA.—Seyiko i Club nalapa e Kapa, isekiwe. Seyike yadlala yenza izimanga, ibiqubisene nenye yaza yenza 158, enye leyo yenza 26 kupela. Mhlaumbi ninga- tanda ukuva igama layo, nalike : yi S. A. F. G. P. C. C., oko kukuti ngoku- kunyushwa yi South African Five Great Powers Cricket Club. Kaufanise apo, sinjalo tina apa e Kapa. Amalungu ayo emi ngoluhlobo : President, Mr. C. Sango ; Chairman, Mr. N. Vundla ; Captain, Mr. J. Mpindwa ; Secretary, Mr. L. Mdlele ; Assistant Secretary, Mr. J. Mdiza. Siva into embi singabanga noku- tumela 1st XI kwi Tumente ebise Qonce. Maar pas op ankomo de jaar, gy sal de Kapnar zein.

UBUBOVUBOVU.—Kusatyiywene, kusali- wa kanjalo nga Bantu nama Bhas tile, noko intliziyo zabantu ngati namanzi. Kutwiwa iqela elikulu la Bantu belisuke- liswa li Bhas tile lilinye. lati ukubheka e Home kwa Mr. Mabula yeka wangi uti umntu nyawo zam. Babetene kaku- lu ngale holide, bokusilwa mu.

UKUQUBA KWAMA LAWU.—Ama Lawu apa atyebile, akafani nake ndiwabone. La anevenkile, nezindlu ezibalulekileyo ; into asemva ngayo yimfundo, kona nge “hambara” hai aqubile. Kwanama Sla- msi apa aqubile.

IHOLIDE.—Zankulu iholide ze Kresmesi ne New Year ; ukugcoba okunj e- andiza- nge ndikubone. Ati wona ama Slamsi nge New Year enza eyawo into, etwele i flag, nemlilo, namagubu ; asalala ejikeleza. Uteta usapo luka Mahomedi? ungaboni nto ngati zizibekile ingxolo yawo! Hai, Maslamsi, nindikupile. Indaba yetyelo ayikoli.

IMIDLALO.—U Mr. Fillis ulapa ne Circus yake ; siva ukuba wenza izimanga, kutiwa kuko ne mbulu. No Mr. McAdoo neqela lake bafikile. Ingoma tina apa asahlukani nayo, kuba nokuba uyahamba esitalatweni ungafika utuzetelwa yingoma.

“ IMFENGU AYICHOLOWA,”—Kutiwa ya- tsho enye indoda, asazi nokuba yayingu- mtikana, yakukatywa yenye yenzwakazi zase Safafika, yavakala isiti inkomo, “ Imfengu ayicholwa.” Yati inzwakazi entam’ inde, “Iyakude icholwe ke na- mhanje.” yaba itshayile. Yacholwa ngalomini Imfengu. “There is exception in every rule;” my boy.

“ XAKATUGAGA.”—Ungeva umntu esiti, “ Xakatugaga,” uve esiti utinina namhla u “ Xakata.” Bati abanye ukumteketisa ngu “ X. ” bati utinina u “X.” Namhla, hai sibheli, saye sikubulisa, sikunqenwe- lela amagaaq amatamsanqa e Kresmesi, nentsikelelo Zomnyaka Omtsha !— X,

U W. THOMSON, ONE VENKILE E WHITTLESEA

SESONA Sitora sisiso e Whittlesea nakulo mandla. Sinazo zonke intlobo zempahla. Zonke izinto zezifanelekileyo zaye zitengiswa tshipu. Kusoloko kufika impahla ezintsha. Ilokwe, Iprinti, Inainsook, ne Muslin, Keleko Iqiyi, Ihempe, Ibatyi, Ibulukwe, Ityali, Ishiti, Izihlangu ne Shuri, Ikofu, Swekile, Ti, Umgu- bo, Iparafini, Icuba, njalo njalo.

Abantu_Bamketwa_Ngobubela,

ISIKOLO SENTOMBI, Sase Shawbury Griqualand East.

Le Sinala yase Bencuti yowuqala umsebenzi kwi Session ezayo ngolwe Sibini, February 1st 1898.

INKATALELO yabazali abantsundu kweli lizwe mayijonge kule sinala ikankanywe ngentlapa eyenza konke ukuqeqeshela intombi zabo ebutitshaleni nakumsebenzi wase kaya.

Umsebenzi wokufundisa upetwe zintokazi ezimbini - ezimhlope zaye ziwuqonda. zincediswa ngabancedisi abantsundu abanamava.

Ukutunga, ukusonta. ukulungisa indlu, njalo, njalo, zonke ezonto zipetwe ngu Mrs.

CLARK.

Umrumo £4 nge Session uhlalulwe kwaisaqala.

Abafuna indawo mabatumele kwangoku ku

REV. S. CLARK, Shawbury near Qumbu.

The New Jagersfontein Mining and Exploration Co. (LIMITED)

JAGERSFONTEIN MINE.

The General Manager intimates that able and strong men will find work.

Good Wages, Food Free, and Good Treatment.

Amanani Alula Kuntsundu

NGOLOLIWE UKUYA NOKUVELA KWELE

Rauti nase Dayimani

ngendlela yase NDWE.

Ngamaqela ayi 25 nangapezulu

Ukuya e JOHANNESBURG 25/3 emnye „ KIMBERLEY 18/11 „ „ JAGERSFONTEIN 9/11 „

Ayliff Institution,

E NGQUSHWA

Iyakuvulwa Ngolwe_Sitatu, February 2nd.

ABAFUNDI boqalela ku Standard IV kude kuse pambili, kuqukwa ne UNIVERSITY ELEMENTARY EXAMINATION, intlobo Zonke zokutunga nomsebenzi wase kaya.

Kuko indawo ezimbalwa ezivululekileyo kwabatsha. Imali mayihlalulwe kwase kuqaleni.

Inqwelo zonduluka kwa Rev. S. Ntsiko, e Rini, nakwi Kaya lika Mr. Paul Xiniwe, e Qonce,

nge 31st January, 1898.

Rev. A. J. LENNARD, Umongameli.

ISAZISO ESIBUKALI

KUYAZISWA ngokubaluleki leyo kumemi base Herschel okokuba ngolwesi

BINI, 25 KU JANUARY, 1898, NGO 11 A.M.,

Amanene o Messrs. PEACOCK, BRADFIELD, no Colonel BAYLY, oba nentlanganiso naba nyuli (abavoti) BASE HERSCHEL, kwa Mr. DODD, Sterkspruit.

